



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

AMABANGA APHAKATHI

IBANGA LESI 6

EYENKANGA 2017

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

AMANQAKU: 40

IXESHA: 1h30 iyure



Olu viwo lunamaphepha ali-10.

IMIYALELO

1. Eli phepha linamacandelo amabini
 - (a) Icandelo A – 25 Amanqaku ewonke
 - (i) Umbuzo 1- Isicatshulwa – 10 Amanqaku
 - (ii) Umbuzo 3- Isibhengezo-ntengiso- 5 Amanqaku
 - (ii) Umbuzo 2- Umbongo – 10 Amanqaku
 - (b) Icandelo B – $30/2=15$
 - (i) Umbuzo 4- Ulwimi
2. Sebenzisa eli phepha ukuphendula imibuzo.
3. Nombola ngale ndlela kunonjolwe ngayo
4. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A**UMBUZO 1****ISICATSHULWA: IBALI**

Funda ngokuthe cwaka eli bali lilandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.

UCassidy Ann nodadewabo omdala uTrixie, babehleli belinde emotweni. UTamkhulu wayengene evenkileni ethengisa izityalo, kodwa engazukuhlala xesha lide. Kwindawo ekwakumisa kuyo iimoto kwakungekho moto ngaphandle kwetrakhi enkulu qha, eyayibekwe kwelinye icala lomthombo onkcenkcezayo. Le trakhi yayigcwele qhu zizityalo, kukho namadoda othulela kwiitroli ezo zityalo. UCassidy Ann wayembona ngaphaya kocingo uTamkhulu, ehamba-hamba phakathi kolo krozo lwezityalo. Wayekhetha ukuba uza kuthenga eyiphi imithi yeentyatyambo. Ngesiqophe kwakwa ikhaphetshu, isuka phezulu etrakhini. Yaqakathela phantsi, yaqengqeleka idlula ngasemthonjeni onkcenkcezayo. "Uyibonile le nto ndiyibonileyo, Trixie?" wabuza uCassidy Ann. "Laa khaphetshu iwe etrakhini." UTrixie waphakamisa amehlo akhe ewasusa encwadini ebeyifunda. "Ke ngoku?" waphendula ebudikwa. "Yikhaphetshu nje kuphela." Amadoda akazange ayibone. Yaqengqeleka yona ikhaphetshu isihla ngendlela isiya ezimotweni. Yafika yema ngasemotweni ababeyikhwele, uCassidy Ann wayichola.

"Wenza ntoni, uTamkhulu uthe singaphumi emotweni?" wambuza kabukhali uTrixie. "Ndifuna ukuphindisela le khaphetshu kulaa madoda asetrahini." Wabaleka ephethe ikhaphetshu, kodwa umqhubi zange ambone. Waqhuba wahamba eshiya uCassidy Ann kuloo ndawo ibimi kuyo itrakhi ematshekile. Wathi esacinga ukuba uza kuyithini, ngesiqophe ikhaphetshu yasuka yangcangcazela. Yaphuncuka ezandleni zikaCassidy Ann. Yaqakatha ngoku ngamandla ezandleni zakhe. Yasuka yee phutshuuu, gqam! Zwiiiiii! Yantingela phezulu kakhulu, yaya kutsho enkcochoyini yomthi omde kakhulu weponyoponyo.

Yaphinda yabuyela ezantsi. Yaya kuthi gqam endleleni yantingela kwakhona, yaya kufika kuphahla lwevenkile yezityalo. Kwakumnandi phezulu, uCassidy Ann ebona yonke into, abantu abathenga izityalo, inenekazi elihamba nenja yalo ngasemlanjeni, inyibiba ngasemthonjeni noTrixie efunda incwadi yakhe emotweni. Ngamandla yasuka yazidlikidla ngoku iphatha kungcangcazela, ishukume ngamandla isihla inyuka ngoku. Kwafuneka ukuba uCassidy Ann abambelele nkqi ukwenzela angaphuncuki kuyo, awe.

"Siyaphi ke ngoku?" watswina watsho ngelixa ikhaphetshu iqakatha ityeli lokuqala, elesibini nelesithathu zwiiiiii emoyeni, yakugqiba yabuyela gqammmmm emhlabeni. Dyumpuuu! yawela emthonjeni, amanzi agcwala yonke indawo. Yaphinda yantingela kwakhona eli xa uCassidy Ann ebambelele kuyo ehleka, yabuyela gqammm emthonjeni kwakhona. Kweli tyeli amanzi akratyazela ngaphandle emthonjeni, akhwija inenekazi elaliphethe ibhantshi yeentyatyambo, lacaphuka.

[Na'ibali nguHelen Brain.]

1. Zoba isangqa kunobumba onempendulo echanekileyo.
2. Khetha isihloko esifanele eli bali kwezi zilandelayo.

IMIBUZO

1.1 Sithini isihloko seli bali?

- A UCassidy nekhaphetshu lakhe.
- B Ikhaphetshu etakatakayo
- C Ikhaphetshu eqakathayo.
- D Ikhaphetshu likaTrixie. (1)

1.2 Lenzeka phi ibali?

- A Evenkileni.
- B Emotweni.
- C Kwindawo ekumisa kuyo iimoto.
- D Egadini (1)

1.3 Ngubani umlinganiswa oyintloko ebalini?

- A NguTamkhulu.
- B Linenekazi.
- C NguTrixie.
- D NguCassidy Ann. (1)

1.4 Yayime phi itrakhi?

- A Kwelinye icala lomthombo.
- B Phambi kwevenkile.
- C Ecaleni kwemoto kaTamkhulu.
- D Phakathi kwezityalo. (1)

- 1.5 Yintoni eyenzeka ngesiquphe etrakhini?
_____ (1)
- 1.6 Kumhlathi wokuqala webali, chonga isivakalisi esibonisa ukuba uTrixie wayedikiwe.
_____ (1)
- 1.7 Ingaba Isihloko sebali siyahambelana nomxholo? Phendula ngo-Ewe/ Hayi.
_____ (1)
- 1.8 Chaza ukuba uCassidy Ann ngumlinganiswa onjani.
_____ (1)
- 1.9 Ucinga ukuba eli ibali liyinyani/ aliyonyani. Nika isizathu sempendulo yakho.
_____ (2)
- [10]**

UMBUZO 2**ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda isibhengezo-ntengiso esingezantsi, uze uphendule imibuzo.

LONG GRAIN RICE

Irayisi i-LONG GRAIN iyanda kwaye iyomeleza. Ilungile ukuba siyisebenzise emakhayeni ethu.

Yonwabela i-LONG GRAIN!

2.1 Yintoni le ibhengezwa apha?

(1)

2.2 Esi sibhengezo sijoliswe (ebantwini, ebantwaneni). (Khetha igama libe linye kulawo akwizibiyeli)

(1)

2.3 Yintoni injongo yesi sibhengezo?

(2)

2.4 Ingaba esi sibhengezo sinxulumene njani nobomi bakho?

(1)

[5]

UMBUZO 3**UMBONGO**

Funda umbongo uphendule imibuzo.

Imbalela

Ulithwax'ililizwe!

Lixwebil'ilizwe ngenxa yakho.

Kubalele komile ilizwe libharhile.

Imbalela ayinalusini.

Amasimi alele ngenxa yakho,

Iphelile imizi yindlala.

Imfuyo iyayayatheka okwexila,

Imbalela ayinalusini.

Ziquqa ziquqil'iinqwelo zonyango,

Ezibhedlele babolekisana ngeencwina,

Yikholera, ibhilihaziya,

Kujub'ugodo ngenxa yakho.

Wena mbalela awunalusini.

lintolongo ziyaphuphuma,

Zinjobaqa ezidalwe nguwe.

Bahla benyuka bezungul'ichele.

Ngenxa yembalela engenalusini.

Lamla Mdali, lamla

Saphel'isizwe ngulo mshologu

Yiyan'entabeni boomama bomthandazo

Nithandaze kuSomandla

Iwe, ine imvula.

3.1 Lo mbongo uthetha ngantoni?

_____ (1)

3.2 Uthini umbhali ngembalela?

_____ (1)

3.3 Xela izinto zibe mbini ezichatshazelwe yimbalela?

_____ (2)

3.4 Khetha isifaniso kwistanza sesibini salo mbongo.

(2)

3.5 Funda istanza sokugqibela, uze uchaze ukuba ingaba sithini isisombululo sombhali malunga nembalela.

(2)

3.6 Ucinga ukuba kutheni umbhali ephinda-phinde umqolo ofanayo xa ephetha istanza sokuqala ukuya kwesesine?

(2)
[10]

ICANDELO B

UMBUZO 4

IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

4.1 Khetha izibizo zibe zibini ezibhekiselele kwizinto kumhlathi wokuqala kwisicatshulwa esikumbuzo 1.

_____ (2)

4.2 Kwizibizo ozikhethe ku 4.1, khupha izimaphambili neziqo zazo.

_____ (4)

4.3 Chonga isihlomelo kwesi sivakalisi uze uchaze nodidi lwesihlomelo eso. UCassidy Ann noTrixie babehleli belinde emotweni.

_____ (2)

4.4 Nika izithethantonye zala magama:

(a) Ngesiquphe.

_____ (1)

(b) Yayigcwele.

_____ (1)

4.5 Krwelela isimelabizo kwesi sivakalisi uchaze nodidi lwaso. Yaqengqeleka yona ikhaphetshu isihla ngendlela isiya ezimotweni.

(2)

4.6 Hlahlela esi sivakalisi silandelayo. Landela esi sicwangciso.

(a) UTrixie waphakamisa amehlo akhe.

Intloko	Isenzi	Injongosenzi

 (3)

4.7 Guqula esi sivakalisi siku 4.6 sibe kula maxesha alandelayo ezenzi.

(a) Ixesha langoku.

(2)

(b) Ixesha elidlulileyo.

(2)

(c) Ixesha elizayo.

(2)

4.8 Bhala kwakhona le ntetho ngqo ibe yingxelo-ntetho.
"Siyaphi ke ngoku?" watswina watsho uCassidy Ann.

(3)

4.9 Lungisa lo mhlathana ngokusebenzisa iziphumlisi ezifanelekileyo, noobumba abakhulu apho kuyimfuneko. uCassidy Ann wabona abantu abathenga izityalo inenekazi elihamba nenja yalo ngasemlanjeni iinyibiba ngasemthonjeni notrixie efunda incwadi yakhe emotweni

(6)

(30 / 2) = **[15]**

AMANQAKU EWONKE: 40

